Ubuyile
uMzantsi Afrika

“Guquka… Buyela … Vuselela…”

Buyelani kum Nam ndibuyele kuni…
Yowelil 2:12,13

Kubizelwa Amabandla aseMzantsi Afrika
kwiNtsuku ezishumi zenguquko.

18-28 EyoMsintsi 2020

Isikhokelo ngoMthandazo kwabo bathatha inxaxheba
Yadityaniswa yi IFSA (Abathandazi ngo Mzantsi Afrika)

Malunga no“ Buyela – Mzantsi Afrika!” 2020 Inyathelo

Isimemo esivela ku Jonathan Cahn:
Isibhengezo sabekwa kwi intanethi ngu Jonathan Cahn ngomntu waseMelika kunye ne National Global Day of Prayer and Repentance ngo EyoMsintsi 2020. Kumyalezo okwividiyo yakhe uJonathan Cahn ubongoza amakholwa aseMelika azinikele kumzamo nakwixesha lomthandazo nakwinguquko yokubuyela kuThixo. Ukuchaza ukwanda kobubi nokugcwala koqhanqalazo ku Thixo kwiminyaka yakutsha nje eluntwini jikelele. Utsho ba izilumnkiso ezikhulu ngomgwebo sezibonakala eMelika kuleminyaka yakutsha nje, kwaye eyona ndlela umgwebo nobubi onokuthintelwa ngayo kukuba abantu babuyele kuThixo. Uyakholelwa uThixo ubonelela ixesha, iwindo yethuba ukuze abantu babuyele kuye. Ngaphandleni kwenguquko, imvuselelo ayinakwenzeka. Ukuba isizwe asisabeli ngoku, kungakho elinye ithuba njengoba intshabalalo nokukhula kobubi kuyakuba ziziphumo eziqinisekileyo.

Umthandazo wothungelwano (nethweki) lwenkokheli eMzantsi Afrika lugwetywe koku kungasentla lweva kunyanzelekile ngokwesi simemo singasentla luthathe inyathelo elifanayo, nokuba yaziswe nakuMzantsi Afrika. Esi sicelo saxoxwa phakathi kwabathathi nxaxheba bomthandazo wothungelwano lwenkokheli ze IFSA. Emveni kwentsuku ezintlanu zomthandazo kunye nokubonisana,bagqibe ekuxhaseni elinyathelo elithathwe nguMzantsi Afrika ngomthandazo nenguquko.

Ngokuzimeleyo ecaleni kwi Nethweki Yomthandazo weNkokheli, iqela labefundisi nalo lithe lasabela kolubizo lwenguquko kwayel laqala ukudibanisa amabandla asekuhlaleni **ngosuku lukaZwelonke loMthandazo neNguquko** ngoMgqibelo, 26 EyoMsintsi 2020. Lamaqela mabini abambe izandla kwinto ebizwa ngoba **Ukubuya koMzantsi Afrika**.

Yintoni le“uKubuya” Mzantsi Afrika?

Ukubuyela kukubizwa enguqukweni, ukuze “uzithobe kwaye ubuye kwindlela zakho zobubi’’; uze phambi kukaThixo, ngokobuqu nangomanyano, ngentobeko, ngokunyaniseka nangenguquko enzulu; kukhungwa ngesizwe sthu, nge nceba, ngosindiso, ngempiliso, nge mvuselelo, ngo buyiselwa kunye nokufezekiswa kwenjongo zika Thixo ngesizwe sethu nangaye wonke ohleli ngaphakathi kwebhodas zethu.

Kutheni?

UMzantsi Afrika umnkile ngomda omkhulu kuThixo nakwindlela zakhe. Kubhaliwe kwizibhalo ukuba ubulungisa buyasiphakamisa isizwe, kodwa ke sona isono siluhlazo kuye nawuphi umntu, nangaphezulu, ukuba indlela zentswela bulungisa sikhokelela emgwebeni. iBhayibhile icacile uThixo luthando kwaye uphuphuma yinceba, kwaye bonke abeza kuye befuna inceba Yakhe bazakuyifumana (Hoseya 10:12) kwaye enguqukweni nasekubuyeni kuyakuxolelwa, usindiso, impiliso, imvuselelo, konke nokubuyiselwa (2 Amakorinte 7:10). Kukweso siseko esisithembiso ze 2 Zikronike 7:14 sinikiwe: ‘’ **2** yeziKronike **7:14** – ‘’bathoba ke abantu bam, ababizwa ngegama lam, bathandaza, bafuna ubuso bam, babuya ezindleleni zabo ezimbi: ndiya kuva mna emazulwini, ndibaxolele izono zabo, ndiliphilise ilizwe labo.’'

Nini?
Intsuku ezilishumi zokuthandaza nokuzila ukudla: **19-28 EyoMsintsi 2020.**
Usuku liKaZwelonke loMthandazo neNguquko: **26 EyoMsintsi 2020.**
Injongo ykuthandaza iNtsuku ezilishumi (10 Days) yile:

- Gocagoca intliziyo zethu… (Vuma kwaye uGuquke)
- Siyeke amanqala… (Xolela kwaye uxoleleke)
- Guqukela kuYesu… (Yamnkela uthando Lwakhe)

Sibiza uthungelwano (networks) zomthandazo, amabandla kunye nomntu ngamnye ekuqwalaseleni:

Ukuthandaza kunye nokuZila ukutya usisiqu
Ubusuku neMini yoMthandazo
Kunye noMthandazo weMihla ngeMihla weSininzi, Imihlangano (Ngokwasemzimbeni okanye kwi intanethi)

Ingcebiso ngendlela yokusebenzisa ezizikhokelo:

Abantu banokusebenzisa izikhokelo zemihla nge mihla kumaxesha abo okuthandaza. Sicebisa ubeke bucala ixesha elaneleyo ukuze uvumele uMoya Oyingcwele atyhile izinto uThixo afuna ukuzilungisa ebomini bakho. Sikhuthaza kakhulu ba ufunde izibhalo ezibonelelweyo kwaye uvumele ixesha.
Amaqela omthandazo. Xa sidibana namanye amakholwa ekuzithobeni phambi kukaThixo, sizakubanako ungena nzulu njengoko simvumela uMoya Oyingcwele atyhile izinto ekufuneka zisiguukele. Amakholwa angadibana rhoqo ngelixesha lwentsuku ezilishumi, nokuba ngodibana ubuso ngobuso okanye kwamanye amazwe afana nozoom (intanethi) amaqela okanye kuWhatsApp. Siyabonisa ukuba izigaba ezahlukileyo zezibhalo zifundwe ngokukhwazwa kwaye amaqela asabele ngomthandazo kulemibuzo ifakiweyo.

UMthandazo woBusuku neMini. Netweki Zomthandazo, Amaqumrhu, azimeleyo amabandla, Amaqela – angathatha usuku okanye intsuku kwezintsuku zilishumi ukudibanisa iyure ezingamashumi amabini anesine (24 hours) emthandazweni okanye nisebenze nonke ukudibanisa ezintsuku zilishumi kubusuku nemini bomthandazo. Zenzeleni Eyenu 24/7 Group kaWhatsApp: https://tinyurl.com/y2nlkwnn

Indibano yeCawe (Okwasemzimbeni okanye kwi intanethi) ekuhlaleni, kwilokishi, dolophu okanye isixeko sijongane nezinto nqo ekuhlaleni, amaqela abantu okanye iphondo.

Imalunga nentliziyo:
Inguquko eyiyo asiyonto ezenzekelayo okanye ukuphindaphindwa kwemithandazo yecawe. Ayingomazwi okanye ukusa nje izicelo kuThixo. Ukubuyela kuThixo kunyanzelisa ukuhlabeka kwentliziyo.

Umprofeti uYoweli 2:12-13 ‘’Nangoku ke, utsho uYehovah ukuthi, buyelani Kum ngentliziyo yenu yonke, nangokuzila, nangokulila, nangokumbambazela. Ngoko krazulani intliziyo yenu,

ingabi zingubo zenu, nibuyele kuYehova uThixo wenu, kuba unobabalo nemfesane, yena uzekakade umsindo, unenceba enkulu, uyazohlwaya ngenxa yobubi.
Siding ukugqalwa nqo zezethu intliziyo. Ezintsuku zimashumi zomthandazo zikho ngokuthandaza ngezinto ezikude okanye ngezono zabanye abantu. Izikhokelo zenzwe zadityaniswa ukusincedisa sijonge kuthi ngaphakathi sincwiniswe zezethu izono nokutshenxa kwethu. Sizise ubuhlungu obuninzi kuThixo siding utshintsho lwentliziyo olwenzwa ngasentla. Sidinga ukukhetha uThixo okokutsha nangokuhlaziyekileyo.

Wanga uThixo angathetha nawe ngoMoya Wakhe kwaye akuncede usabele ngokusuka entlizweni nangokunyaniseka nentobeko enyanisekileyo njengokuba uzibona ububi bakho. Wanga ungenza isigqibo esiqilima ukutshintsha indlela zakho kwaye ubuyele kuThixo. Wanga ungaqala uhambo olutsha lokungcwaliswa kwaye uhlaziyeke ngamandla oThixo ophilileyo!

(*Zonke izibhalo ekuchatshulwe kuzo zithathwe ku New King James Version)*

UKUJONGWA KWAMAZWI: 18 Septemba 2020. 18: 00-24: 00
Qalisa intsuku ezilishumi zomthandazo ngokuhlwa kwange 18 ka EyoMsintsi nge Word Watch (ufunda ilizwikwaye uzukisa ngengoma) ukulungisa intliziyo yakho ngo guquka. Nazi ezinye izibhalo onokuzisebenzisa kwezi yure zintandathu (6 hours) ngo EyoMsintsi 2020, ukusuka ngo 18:00 ukuya ku 24:00. Abathathinxaxheba nge 24-hour yomthandazo watsha ngexesha lwentsuku ezimashumi bayakuqalisa eyabo watsha ezinzulwini zobusuku (midnight) 00:00, 19 EyoMsintsi 2020 uyokutsho kwizulu zobusuku (24:00) 28 EyoMsintsi 2020.

INGUQUKO: UMateyu 3:1-2, 8. UMarko 1:14-15. ULuka 24:46-49. IZenzo 2:38. IZenzo.3:19. IZenzo.17:30-31. KwabaseRoma 2:4-8. 2 Kumakorinte 7:9-11. 2 KuTimoti 2:24-26. 2 KaPetros 3:9-12. 1 KaYohane 1. Isityhilelo 2:5. Isityhilelo 3:3, 19.

MOYA OYINGCWELE: EkaLuka 3:16-17. EkaLuka 11:13. EkaYohane 14, 15, 16. IZenzo 1:5-8. IZenzo 2:1-21. IZenzo 4:31. Kwabaseroma 8. Kwabaseroma 15:13-19. 1 Kwabasekorinte 2:10-14. 2 Kwabasekorinte 3:17-18. EkaTito 3:4-7.

INDUMISO KWINCWADI YENDUMISO: Indumiso 8, 19, 29, 45, 84, 97, 110, 145, 147, 150.

INDUMISO KWINCWADI YESITYHILELO: Isityhilelo 1:10-18. Isityhilelo 4, 5. Isityhilelo 15:2-4. Isityhilelo 19:11-16.

USUKU 1. 19 EYOMSINTSI 2020

Inguquko ngokwenza buhlungu, ukuchasa nokucima uMoya Oyingcwele.

KwabaseEfese ***4:30*** Kanjalo musani ukumenza buhlungu uMoya Oyingcwele kaThixo, enathi kuye natywinwanaqiniselwa imini yentlawulelo.

UMoya Oyingcwele ubuhlungu kwaye ucinyiwexa sisithi singamaKristu kodwa indlela esiphila ngayo ayimhloniphi uThixo. Simenza buhlungu uMoya Oyingcwele ngonganyaniseki, ukuxoka, umsindo, ukunqwenela impindezelo, nokuba, nokucaphukela abanye, nokusebenzisa ulwimi olungcolileyo, uhlukumezo ngamazwi,ukuqalekisa,ukuqalekisa nokuthuka abanye, ukushwabula nokumbhombhozela kwaye nokungakwazi ukuxolela.Simenza buhlungu uMoya Oyingcwele naxa sifumaneka kwizinto uThixo azicaphukelayo ezinjengombulo, nezenzo zocantsi ezikrokrisayo, unqulo zithixo, ubugqwirha, ukunyoluka, ukuphalaza igazi nangeyiphi indlela Simenza buhlungu uMoya Oyingcwele xa siyichasa inyaniso yelizwi, siyicacisa ibhabhile ukwanezisa imfuno zethu, kunye nokungalungeli ukuthobela ilizwi likaThixo. Simcima uMoya Oyingcwele naxa singasangqini kwabanye ngo Yesu.

Guquka... Buyela …Vuselelo …
Sithandaza egameni likaYesu Kristu, uMsindisi wethu, kwaye ngoncedo nokuhlatywa nguMoya Oyingcwele, uMncedi wethu.

Izibhalo:
Funda ezizibhalo zilandelayo kwaye umeme uMoya Oyingcwele akutyhile intando kaThixo kuwe. Vumela lamazwi athethe entlizweni yakho kwaye ulungele ukusabela emthandazweni! Musa ukungxama.

KwabaseEfese *4:20-32; Acts 7:51; kumahebhere 3:7-13; Yeremiya 17:9-10;EkaMateyu 24:9-13*.

Usisiqu: Cela uMoya Oyingcwele akuhlabe entlizweni kwaye akubonise intliziyo yakho. Nyaniseka kuwe ngokungazicingeliyo.

Ingaba ukhe wamenza buhlungu uMoya Oyingcwele ngendlela ithile? Ungatsho ngokunyanisekileyo uhamba enyaniseni ngokwelizwi likaThixo okanye ukhangelwa indawo ezivelileyo ezibhalweni ukuze uzithethelele ngazo? Uthobekile elizwini likaThixo? Ingaba uyabulela okanye usoloko umbhombhozela ukhalaza? Uyangqina kwabanye ngoYesu? Zithobe phambi kukaThixo ucele akuxolele ngokwenza buhlungu, ngokucima nokuchasa uMoya Oyingcwele. Mcele akungcwalise ngegazi likaYesu kwaye akubuyisele kubom bobudlelwane kunye Naye. Bekingqondo kunye nentliziyo yakho ekususeni zonke izinto ebumini bakho ezenza buhlungu uMoya Oyingcwele.

UMzimba kaKristu: Umzimba kaKristu mnye. Xa ilungu elinye lomzimba lisona wonke uMzimba uyangcola. Zayamanise noMzimba kaKristu eMzantsi Afrika njengoba uthandaza:

Cela uMoya Oyingcwele akubonise zeziphi indlela iBandla eMzantsi Afrika elingamhloniphanga nagayo uThixo, lamenza buhlungu, lamcima okanye lamchasa uMoya Oyingcwele. Zithobe ucela uThixo asixolele kwaye asihlambe silibandla (ungasoli ezinye icawe, amaqela, okanye abantu). Mbongose agalele uMoya phezukwethu silibandla sizakubuya kwindlela zethu ezimbi. Cela uThixo asingcwalise kwaye asomeleze ukuze silihloniphe igama likaYesu.

Uzwelonke: Zeziphi indlela uzantsi Afrika angamhloniphi ngayo uThixo? Cela iNkosi ikubonise intliziyo nentando yayo ngo Mzantsi Afrika. Ukulungele ukuma ethubeni ngoMzantsi Afrika endaweni yokuba ugxeke osole abanye abantu? Ukulungele ukolula isandla nakuye nabani eMzantsi Afrika, ubaxelele ngo Yesu kwaye ubazise kuKristu? Cela uThixo akungcwalise ukuze umephambi kwabo njeba ukhunga ngeSizwe. Thandaza ukuze uThixo aphokoze uMoya wakhe kuMzantsi Afrika, ukuze ahlabe uMzantsi Afrika esonweni sayo kwaye aguqule intliziyo zayo kuYe.

Thandazela ukuphila kweSizwe sethu

- Ithemba: Hoseya 2:15 Ndokumnika izidiliya zakhe, zithabathele khona, nentili yeAkore ibelisango lethemba, aphendule khona njengeemini zobuncinane bakhe, nanjengemini zokunyuka kwakhe, ephuma ezweni laseYiputa.

- Impiliso: UMalaki 4:2 Ke kuni nina baloyikayo igama lam, ilanga libulungisa liya kuphuna, linophiliso emaphikweni alo. Niya kiphuma nidlobe, njengamankonyana asesitalini nibaxovule abangendawo.

- Ukubuyiselwa: Uhezekile 36:25-28 Ndiyakunitshiza ngamanzi amahlophe, nihlambuluke; ndinihlambulule kubunqambi benu bonke, nakwizigodo zenu zonke. Ndoninika intliziyo ezintsha ndininike umoya omtsha ngaphakathi kwenu; ndiyisuse intliziyo elilityе enyameni yenu, ndininike intliziyo eyinyama. Ndofaka uMoya wam ngaphakathi kwenu, ndinenze nihambe ngemimiselo yam, niwagcine amasiko am, niwenze; niyakuhlala ezweni endalinika ooyihlo.

USUKU 2. 20 EYOMSINTSI 2020

Inguquko ngokubasenyameni nokubayinyama, nokungaphili ubom obungcwele, ukugcwaliswa nokulawulwa ngu Moya Oyingcwele

kwabaseRoma 8:5-9 *Kuba abo bangokwenyama banyamakela izinto zasenyameni; abo ke bangokoMoya banamekele izinto zaseMoyeni. Kuba ukunyameka ngokwenyama ikukufa; ukunyameka ke koMoya bubomi noxolo. Ngokokuba ukunyameka kwenyama kukubutshaba kuThixo; kuba umthetho kaThixo kungawululameli, kuba kungenako nokubanako ukwenzenjalo. Abo ke bakwinyama, abanakumkholisa uThixo. Ke nina anikwinyama, nikuMoya, ukuba kumi inene uMoya kaThixo ngaphakathi kwenu. Ukuba ke umntu akanaye uMoya kaKristu, akangowakhe*

AmaKristu azalwe ngokutsha amkele intliziyo etsha nomoya omtsha kwaye uMoya Oyingcwele uhleli kubo ngaphakathi.umsibenzi wakhe kukwenza kumilakumbi intliziyo zethu nengqondo zethu zibenokumila kukaKristu. Ukunyameka kwindlela yethu endala singekasindiswa yokucinga nendlela yokuziphatha ayimkholisi uThixo kwaye iyakumenza asichase. Asizukubanamandla okwenza umsebenzi wobukumkani kwaye nemithandazo yethu iyakuhamba ingaphendulwanga. Kubele siziphicothe ngokuzimiseleyo ubomi bethu sizibone ukuba ingaba siphila kuye uMoya.

Guquka... Buyela …Vuselelo …
Sithandaza egameni likaYesu Kristu, uMsindisi wethu, nangoncedo kwaye nokugwetywa nguye uMoya Oyingcwele, uMncedi wethu.

Izibhalo:
Funda ezizibhalo zilandelayo kwaye umeme uMoya Oyingcwele ukuze atyhile intando kaThixo kuwe. Vumela lamazwi athethe entlizweni yakho kwaye ukulungele ukusabela kuwo ngomthandazo! Musa ukungxama.

KwabaseRoma 8:5-9; 1 KwabaseKorinte 3:1-3; KumaGalathi 5:19-21; 1 KaPetros 1:14-15; 1 KaPetros 2:11-12;

Isiqu: Cela uMoya Oyingcwele akugwebe akubonise intliziyo yakho. Nyaniseka kuwe ngokungenavelwano.

Ingaba ungcwele? Ingaba ubekwe bucala ubekelwa uThixo? Ingaba eneneni uhamba ngoko Moya okanye uhamba ngokwenyama? Ingaba usemlweni nawe okoko, ufuna ukuhamba kumoya kodwa usoyisakala ukwenza njalo? Ingaba uyazenza inzame zokuqinisekisa uhamba ekumthobeleni uMoya? Ingaba umcela ngembhonakalo uMoya Oyingcwele ukuba akuncede ukuze weyise inyama? Guqa phambi kukaThixo ngenguquko ngoba uvumele indlela zakho ezindala zenyama zilawule ubomi bakho, ngokungavumi ukushiya intshisakalo zenyama, nangoba sebutshabeni noThixo. Mcele akungcwalise ngelizwi likaThixo nangegazi likaYesu, ngawo umsebenzi kaMoya Oyingcwele.

Umzimba KaKristu: Zayamise noMzimba kaKristu omkhulu.

Ingaba uMzimba kaKristu eMzantsi Afrika uhamba kuMoya okanye enyameni? Guquka endaweni yeyakho icawe, nasendaweni yoMzimba kaKristu udibene eMzantsi Afrika ngendlela zethu zase nyameniand nangongabi ngumzekelo kubantu abangasindiswanga kwisizwe sethu. Cela uBawo agalele uMoya kwibandla, asigwebe thina njengama lungu eBandla kwaye akwebe nenkokheli zeCawe kwindlela zethu ezimbi. Thandaza uThixo abenenceba kuthi kwaye asincede thina singuMzimba kaKristu eMzantsi Afrika sibuyele kuye kwaye sibengcwele.

Uzwelonke: Akunakwenzeki ukuba abantu abangasindiswanga bahambe kuMoya. Thandaza kwaye uguquke phambi kukaThixo ngokudungudelisa kweBandla ekushumayeleni iVangeli. Thandaza ukuze iNkosi yesivuno ithumele abavuni (missionaries nabavangeli) kuzo zonke indawo zokuhla eMzantsi Afrika, abavule amahlo, ukuze abaguqule ebumnyameni abase ekukhanyeni, nasemandleni kasathana ebasa kuThixo, ukuze bamnkele uxolelo lwezono kwaye bamnkele ilifa phakathi kwabo bahlanjululweyo ngokholo kuYesu. (IZenzo 26:18)

Thandazela ukuphiliswa kweSizwe

- Ithemba: kwabaseRoma 15:13Wanga ke uThixo wethemba elo anganizalisa ngalo lonke uvuyo noxolo ekukholweni, ukuze niphuphume ithemba ngamandla oMoya Oyingcwele.
- Impiliso: uYakobi 5:16 Xelelanani iziphoso, nithandazelane, ukuze niphiliswe. Sinamandla kakhulu isikhungo selungisa, siyeyisa.
- UkuBuyiselwa: Yeremiya 33:9 Lo mzi uyakuba ligama lemihlali kum, indumiso nesihombokwiintlanga zonke zehlabathi, eziya kukuva konke okulungileyo endikwenzayo kuwo, zikwantye, zigungqe ngenxa yokulunga konke, nangenxa yoxolo lonke, endiwenzela lona.

USUKU 3. 21 EYOMSINTSI 2020.

Inguquko ngokungakhathali ngesono, ukwenzelela nokunyamezela isono, ukwenziwa amakhoboka sisono.

Isityhilelo 3:14-19 *"Isithunywa sebandla eliseLawodike, sibhalele uthi: Utsho uAmen, ingqina elithembekileyo, eliyinyaniso, ingqalo yayo indalo kaThixo, ukuthi: Ndiyayazi imisebenzi yakho, ukuba akubandi, akushushu. Ngenxa enokuba ke udikidiki, ungabandi, ungeshushu, ndizakukuhlanza uphume emlonyeni wam. Ngokuba uthi, ndisisityebi, ndizityebisile, andiswelinto; ube ungazi ukuba uludwayinge, ulusizana, ulihlwempu, uyimfama, uhamba ze; ndiyakucebisa, ukuba uthenge kum igolide evutshiswe emlilweni, ukuzd ubenobutyebi; neengubo ezimhlophe, ukuze wambeswe, lingabonakali ihlazo lobuze bakho; nentambiso yamehlo, uthambise amehlo akho, ukuze ubone. Mna, bonke endibathandayo ndiyabohlwaya, ndibaqeqeshe; zondelela ngoko uguquke.*

Isono simanyani. Isono siyasinqamla kuThixo nakubom bakhe. Iziphumo zesono yimbophelelo, kukuchithachitheka, kukungcola kunye nempembelelo zamadimoni ebomini bethu nasentlalweni. Ngokufitshane isono sizisa ukufa. Asinakuwubaleka umvuzo wesono. Siding ukuguqula indlela zethu sihambe ebulungiseni obu bucaciswa nguThixo, ukuze sibenobom. Siding ukutshintsha ingqondo zethu kwaye sivumelane ngendlela yokuphila kaThixo.

Guquka... Buyela … Vuselelo …
Sithandaza egameni likaYesu Kristu, uMsindisi wethu, nangoncedo kwaye nokugwetywa nguye uMoya Oyingcwele, uMncedi wethu.

Izibhalo:
Funda ezizibhalo zilandelayo kwaye umeme uMoya Oyingcwele ukuze atyhile intando kaThixo kuwe. Vumela lamazwi athethe entlizweni yakho kwaye ukulungele ukusabela kuwo ngomthandazo! Musa ukungxama.

Isityhilelo 3:14-19; Amahebhere 3:12-14; Amahebhere 12:1-5; UYakobi4:4-8; 2 kwabaseKorinte 6:14-18; kwabaseRoma 6:12-16.

Isiqu: Chitha ixesha ufunda izibhalo, ucela uMoya Oyingcwele agwebe intliziyo yakhe akubonise intliziyo yakho. Nyaniseka ngokungabinasizi kuwe.

Ingaba uye wamnkela isimilo sesono ebomi bakho kwaye wagabadulela ekuzithuthuzeleni ekubeni ungajongani naso nqo? Ingaba uyakhetha uba yintoni omawuyikholelwe elizwini likaThixo kwaye usebenzisa ingxoxo zabantu okanye zehlabathi uba kutheni kufuneka uhambe ngokwendlela obona ngayo? Hlolisisa indlela yakho yophila kwaye uvumele uMoya Oyingcwele akubonise kuphi apho uvumele khona isono. Cela uThixo akuxolele ngokuvumela isono sibulawule ubom bakho. Ask God to forgive you for allowing sin to rule in your life. Be specific. Vuma lonke uhlobo lokwenzelela kwaye uqondane nezizinto ebomini bakho uzitshintshe.

uMzimba KaKristu: Ibandla liyabushumayela ubunyulu ngokwe zinga leLizwi ngesono? Ngeziphi indlela esibedikidiki ngazo samnkela indlela zehlabathi? Cela uThixo asixolele njengabalungiseleli ngokungasigqali isono kumhlambi wethu. Thandaza ukuba uloyiko lukaThixo lubuye kwaye nebandla libuye ezindleleni ezimbi nakwindlela zesono.

UZwelonke: Uluntu lwanamhlanje aluwukholelwa umxholo wesono. Inyaniso icalulwa ngumntu ngokwendlela yakhe kwaye namalungelo abantu anika impepha ekwabhiyozela isimilo esonakeleyo sesono. Zeziphi izono eziphakanyiswayo nezithethelelwayo kwisizwe? Cela uThixo asixolele ngokuvumela nokwamkela izinto azicekisileyo. Cela uThixo ahlambulule abantu ababuyisele emva kwinyaniso ephilisayo ezisa ubom. Thandaza uThixo athulule uMoya Oyingcwele ukuze agwebe uMzantsi Afrika ngesono abuyele ekuphileni ngobulungisa.

Thandaza ngokuphiliawa Kwesizwe

- Ithemba: Imizekeliso 10:28 Ukulinda kwamalungisa luvuyo; Ithemba labangendawo liyadaka.
- Impiliso: uMateyu 10:8 Philisani imilwelwe, hlambululani abaneqhenqa, vusani abafileyo, khuphani iidemoni;. Namnkele ngesisa, yiphani ngesisa.
- Ukubuyiselwa: Izenzo 3:19-21 Guqukani ke ngoko, nibuye,ukuze zicinywe izono zenu; ngokokuze afike amathuba okuphumza, evela ebusweni beNkosi.

USUKU 4. 22 EYOMSINTSI 2020.

Inguquko ngokungaxoleli, ubukrakra nokungafuni ukuhlambulula intliziyo zethu ekukhubekeni

Mateyu 18:21-35 Kwandula kweza uPetros kuye wathi, Nkosi, koba futhi kangaphi umzalwana wam endona, ndimxolela? Koda kube kasixhenxe na? athi uYesu kuye, Andithi kuwe koda kube kasixhenxe; ndithi, koda kube kamashumi asixhenxe aphindiweyo kasixhenxe. Ngenxa yoko ubukumnkani bamazulu bafanekiswa nomntu ongukumnkani, owafuna ukubalelana nabakhonzi bakhe. Kuthe ke akuqala ukubalelana nabo, kwaziswa kuye omnye onetyala leetalente ezingamawaka alishumi. Kuthe ke ekubeni engenanto yokuhlawula , yathi iNkosi yakhe, makuthengiswe ngaye, nangomfazi wakhe, nangabantwana bakhe, nangento zonke anazo, kuhlawulwe. Wawaphantsi ngoko umkhonzi lowo, waqubuda kuyo, esithi, nkosi, khawundenze kuhle, ndokuhlawula lonke. Yasikwa ke yimfesane, inkosi yalomkhonzi, yamkhulula, yamxolela ityala elo. Uphumile ke loo mkhonzi, wafumana nomnye wabakhonzi kunye nayeobenetrala kuye leendenariyo ezilikhulu; wambamba, wamkrwitshwa, esithi, ndihlawule ityala onalo. Wawa phantsi ngoko ezinyaweni zakhe lo ubekhonza kunye naye obenetyala kuye, wamana embongoza, esithi, khawundenze kuhle, ndokuhlawula lonke. Akavumanga ke; waya wamphosa entolongweni, ade alihlawule ityala elo. Bathi ke abo babekhonza kunye naye, bakubona oko kwenzekileyo, baba buhlungu kakhulu, beza bayityela inkosi yabo konke oko kwenzekileyo. Yaza inkosi yakhe, imbizele kuyo, yathi kuye, mkhonzindini ungendawo, ndakuxolela lonke elaa tyala, ekubeni wandibongozayo; ubungamelwe na kukuba nenceba kokhonza kunye nawe, njengokuba nam bendinenceba kuwe? Yaqumba inkosi yakhe, yamnikela kubathuthumbisi, ade alihlawule lonke ityala kuyo, Wothi noBawo wasemazwilini enjenjalo kuni, ukuba anithanga nonke ngabanye nabaxolela abazalwana benu iziphoso zabo ngentliziyo zenu.

Ukungaxoleli kukungazimiseli ukuxolela ixesha elide abo basimoshileyo nabasonileyo. Singathanda ukubona intlungu nembuyekezo kwabo banjalo kunokuba sibakhulule. iLizwi liyasibiza njengabo baxolelweyo ngu Thixo sixolele nabanye abantu ngokungenamda. Inkubeko kwelinye icala kukuxhokonxeka kwenyama kumazwi nakwizenze zabanye. Linqala eliziswa yindlela esibonangayo abanye ngelithi basithukile okanye basilimaza. Isikhokelela ekuthetheni kakabi ngabanye okanye ngamaqela athile, kwaye siphoxe ubudlelwane bethu nabo (*Matayu 24:10*) ukuyivumela ikhule ibe yinzondo ukuba asiyihoyi. Lendlela yokuziphatha mayihlanjwe ezimpilweni zethu.

Guquka... Buyala… Vuselelo…
Sithandaza egameni likaYesu Kristu, uMsindisi wethu, kwaye ngoncedo nangokugwetywa ngu Moya Oyingcwele, uMncedi wethu.

Funda ezizibhalo zilandelayo kwaye ucele uMoya Oyingcwele akutyhilele intando kaThixo. Vumela lamazwi athethe entlizweni yakho kwaye ulungele ukusabela kuwo ngomthandazo! Ungangxami.

Mateyu.18:21-35; 2 kwabaseKorinte 2:9-11; Mateyu 24:10-12; uMarko 11:25-26; uYohane 6:66-68; Amahebhere 12:14-15

Isiqu: Chitha ixesha ufunda izibhalo, ucela uMoya Oyingcwele agwebe intliziyo yakhe akubonise intliziyo yakho. Nyaniseka ngokungabinasizi kuwe.

Ingaba ukhe wanzinyelwa kukuxolela umntu ebomini bakho ukhe wakuvisa kabuhlungu noba kungeyiphi indlela? Ingaba ukhotyekisiwe ngumntu apha ebomini bakho? Ingaba ugcine inkubeko kuwe ngakuThoxo ngenxa yoba izinto zingenzeki ngendlela ofuna ngayo? Ngokuzithoba guqa phambi kweNkosi kwaye ukhethe ukuxolela naye nabani na neqela elikumoshileyo. Thetha phandle uxolelo wenze isigqibo sokukhululela abobantu esandleni sikaThixo. Cela uThixo akuxolele ngokungafuni ukuxolela nokukhupha abanye kwaye ucele akuhlambe akuphilise eGameni lika Yesu. Yamnkela ukuxolelwa noxolo lwakhe. Basikelele abobantu nalomaqela abo ngaphambili ubungakwazi ubaxolela.

Umzimba kaKristu: Chitha ixesha ufunda izibhalo kwakhona. Vumela uMoya Oyingcwele atyhile kuphi apho uMzimba kaKristu ungaphili khona ngokwezinga kuxolelo nakwinkubeko.

Inguquko kazwelonke: bangaphi abantu esizweni ekunzima kubo ukuxolela abo bathe babona? Guquka ngenxa yokungaxoleli kwethu, inzondo nokufuna imbuyekezo. Thandazela impiliso kaThixo ezintlizweni zabaninzi ukuze ukungabinabulungisa kungabi yimiphumela yokungaxoleli.

Thandazela ukuphiliswa kweSizwe

- Ithemba: Indumiso 71:14 Ke mna ndiyakuhlala ndilindil, ndongeze endumisweni Yakho yonke.
- Impiliso: IDuteteronomy 7:15 uYehova wosusa zonke izifo kuwe, nobulwelwe bonke kuwe base Yiputa, obo ubaziyo, akayibubeka kuwe, uyakububeka kubo bonke abakuthiyayo.
- Ukubuyiselwa: Yobhi 42:10 UYehova wabubuyisa ukuthinjwa kukuYobhi, akubonukuba ubathandazele oowabo. Wakongeza uYehova konkeawyenako uYobhi, kwadwa kwaphindwa kabini.

USUKU 5. 23 EYOMSINTSI 2020

Inguquko ngokuziphatha kakubi ngokugqwetha izinto nangokungcola

Kwabase Korinte bokuqala 6:18 *Ningaze niziphathe kakubi ngesondo!Zonke ezinye izono umntu anokuzenza aziwungcolisi umzimba, kodwa umntu oziphatha kakubi ngesondo ungcolisa umzimba wakhe.*

Isono sesondo sidibanisa zonke iindidi zezono ezinjengezi; umbulo, ukukrexeza**,** homosexuality,ukwabelana ngesondo kwendoda namakhwenkwe,umfanekiso wamanyala,**mastabation,**umfanekisongqondweni,njlo-njalo. Yona le "ndyikityha"iqhelekile hayi elizweni nje kuphela kodwa nase Bandleni. Izibalo ku www.covenanteyes.com zibonisamalunga no64% yamadoda angmakholwa ne15% yamakholwa angabafazi abathi bayadibana nomfanekiso wamanyala ubuncinane kanye ngenyanga. Ezesondo ekuhlaleni zomeleza ezinye iindlela zobumnyama ezinjengoxwilo lwabantu, ukukhupha isisu nomfanekiso wamanyala kubantwana**.**

Guquka… Buyela…Vuselelo…

Sithandaza egameni lika Yesu Krestu,umsindisi, nangwebo luka Moya Oyingcwele umncedi wethu.

Izibhalo:

Funda ezi zibhalo zilandelayo ucele u Moya Oyingcwele ukutyhilele intando ka Thixo. Wavumele la mazwi athethe entliziyweni yakho, ukulungele ukuphendula emthandazweni! Musa ukungxama.

Kwabase Korinte bokuqala 6:18; Kwabase Efese 5:3; Ku Mahebhere 13:4; Kwabase Thesalonika bokuqala 4:3-5; Ku Mateyu 5:28; Ku Yohane wokuqala 1:9.

Eyam: Ibhayibhile ithi lowo ugweba ngokwakhe akasayi kugwetywa (1 Kor. 11:31). Namhlanje xa usiza phambi kwetrone yobabalo (Heb. 4: 16), cela iNkosi ukuba ikunike inguquko kwimicimbi yesono sesondo. Nyaniseka kuwe nakuThixo, uvume inyani kwaye ngokuthe ngqo zonke iintlobo zokuziphatha kakubi ngokwesondo obukhe wabandakanyeka nazo, nokuba bekumzimba wakho okanye entliziyweni nasengqondweni yakho. Zilahle ezi zono kunye namaqhina omphefumlo ongahloneli Thixo kwaye unikele ngomzimba wakho njengedini eliphilayo kwisibingelelo sikaThixo kwaye unikele ngamalungu akho ukuba asetyenziswe nguThixo njengezixhobo zobulungisa (Roma 6:13).

Isiqu sakho:

Ithi i Bhayibhile ozigwebayo ngokwakhe akasayi kugwetywa (*Kwabase Korinte bokuqala 11:31).* Namhla, nje ngokuba usiza kwi tirone yobabalo (*KuMahebhere 4:16),* cela u Thixo akuphe inguquko kwiimeko zesono zomlalo. Thembeka kuwe naku Thixo, ukuhlambulula ngenene nangenyaniso,ngakumbi ngokungqalene nee ndidi zonke zesono somlalo obuke wazibandakanya nazo, noba kungomzimba wakho okanye entliziyweni nase ngqondweni. **Lahla** ezi zono namaqhina angenabuThixo unikezele ngomzimba wakho njenge dini eliphilayo esibingelelweni sika Thixo**,** uzise amalungu akho asetyenziswe njengesixhobo obulungisa

(*KwabaseRoma 6:13).*

Umzimba ka Krestu;

Funda ezi zibhalo zingasentla kwakhona uze uziyamanise nomzimba ka Krestu. Vuma ukuba thina sili Bandla e Mzantsi Afrika siyingcolisile itempile emanyeneyo nendawo ahlala kuyo u Thixo ngokuzibandakanya nobuhenyuza nokugqwetha izinto. Masicele ku Thixo " ubhabhatizo lomlilo"nococeko oluyakusihlamba lusihlambulule kwezi mbophelelo *(Mateyu 3:11-12)* sicele ukuba njengomcoci we silivere, uyakusihlambulula nje ngobukumkani basebukhosini.(KuMalaki3:3). Thandaza ukuba uBawo angasingenisi ekuhendweni koko asihlangule kongendawo! Siyabona ukuba isono secantsi sesinye sezono esenza iBandla lingaphumeleli ukuba negunya lokuba nempembelelo okanye lokulawula izizwe *(KwiZityhilelo 2:20-26).* Thandaza kengoko u Thixo athulule Ibandla loMzantsi Afrika ubabalo lenguquko asifundise ukuhamba kuloyiso sisoyise isono senkanuko yomlalo.

Uzwelonke:

Funda izibhalo kwakhona uze uthathe ixesha lokuma ethubeni ngenxa yesizwe sethu.
Vuma izono phambi ko Thixo zokuba sisisizwe sinetyala lesono somlalo ngeendlela zaso zonke ngokwahlukana kwazo,ngokupasisa imithetho esigunyazisayo. Vuma ukuba sifanelwe kukgwetywa,kodwa sinqwenela inceba nobabalo ukuba siguquke, sibuye kwiindlela zethu ezigwenxa. Thandaza ukuba uThixo atyale isazela sesono, ubulungisa nokugwebeka ku Mzantsi Afrika. Cela imvuselelo eyakululeka indlela egoso yesizukulwana.

Thandazela ukuphiliswa kwesizwe sethu.

- Ithemba: Indumiso 78:7 Abantwana babo babeza kutsho bathembele kuThixo. Babengazukuyilibala imisebenzi kaThixo, Kodwa babeza kuthobela imiyalelo yakhe;

- Impiliso: Iindumiso 146:8 KuYehova ovula amehlo eemfama; KuYehova ophakamisa abagobileyo; KuYehova othanda amalungisa.

- Ukubuyiselwa: Yeremiya 29:12-14 12Niya kundinqula, nize nithandaze kum, ndiniphulaphule. 13Niya kundifuna, nindifumane, xa nithe nandifuna ngentliziyo yenu yonke; 14ndifumaneke kuni; utsho uYehova. Ndiya kukubuyisa ukuthinjwa kwenu, ndinibuthe ezintlangeni zonke, nasezindaweni zonke endanigxothela kuzo, utsho uYehova; 14ndifumaneke kuni; utsho uYehova. Ndiya kukubuyisa ukuthinjwa kwenu, ndinibuthe ezintlangeni zonke, nasezindaweni zonke endanigxothela kuzo, utsho uYehova.

USUKU 6. 24 EYOMSINTSI 2020

Guquka ezithixweni naselizweni

1 KWABASEKORINTE 10:14 Kungoko ndithi, zintanda zam, kubalekeni ukubusa izithixo.
Kwabase Korinte bokuqala 10:14 Kungoko ndithi, zintanda zam, kubalekeni ukubusa izithixo…….

Izithixo zingathatha indlela ezininzi ebomini bethu (*KwiLevitikus 26:1),* Isithixo yiyo nantoni esiyibhedeshayo siyikhokelisa ngaphezulu kuka Yesu.Uthando lwezinto zeli lizwe ziyahambisana nezithixo kuba izinto zeli lizwe ziba zizithixo ezintliziyweni zethu. Sinezithixo zamandla
(inkanuko yesihlalo, impumelelo nolawulo),izithixo zemvume (ukujonga emadodeni afezekise iimfuno zethu ezinokufezwa nguThixo yedwa),izithixo zingonogada (apho sibeka ithemba kakhulu kwizinto zomhlaba ukuze zisikhusele zisibonelele), imlinjalo-njalo). Izithixo zibandakanya iinkonzo zobuxoki,unqulo loo thixo bobuxoki nonqulo lwabafileyo.

Guquka …Buyela…….Vuselela….

Siyathandaza eGameni likaYesu Krestu, uMsindisi wethu, kwaye ngoncedo nokuqiniseka koMoya oyiNgcwele, uMncedi wethu. Sithandaza egameni lika Yesu Krestu umsindisi wethu, naseluncedweni nasekuqinisekeni ngu Moya Oyingcwele umncedi wethu.
Isibhalo:

Funda ezi zibhalo zilandelayo umeme uMoya Oyingcwele utyhile intando ka Thixo kuwe. Wavumele la mazwi athethe entliziyweni yakho ulungele ukuphendula emthandazweni! Musa ukungxama.

Scriptures:
Funda ezi Zibhalo zilandelayo kwaye umeme uMoya oyiNgcwele ukuba atyhile ukuthanda kukaThixo kuwe. Vumela la mazwi ukuba athethe entliziyweni yakho kwaye ukulungele ukuwaphendula ngomthandazo! Musa ukungxama.
1 Korinte 10:14; IEksodus 20: 1-8; Hezekile 14: 1-5; 1Yohane 5:21; UYakobi 4: 4; UYakobi 1:27; 1 Yohane 2:15; INdumiso 16: 4; INdumiso 135: 15-18; ISityhilelo 9:20; Eyoku-1 kaSamuweli 15:23; Eyoku-1 kwabaseKorinte 10: 7; KwabaseRoma 1:23.

KwabaseKorinte bokuqala 10:14; ii Eksodus 20:1-8; uHezekile 14:1-5;Incwadi uYohane wokuqala 5:21 uYakobi 4: 4; uYakobi 1:27; eyokuqala kaYohane 2:15;iindumiso 16:4; iindumiso 135:15-18; isityhilelo 9:20; eyokuqala ka Samweli 15:23; KwabaseKorinte bokuqala 10:7; KwabaseRoma 1:23

Isiqu: UThixo wazazisa kumaSirayeli njengoThixo onekhwele. Isithixo kuye sifana nokukrexeza. Akafuninkwabelana ngathi nezithandani ezinintsi-ilizwe nezithixo zalo zobuxoki. Cela uMoya wenyaniso uqaqambise ukukhanya kweLizwi lika Thixo entliziyweni yakho ukuze kutyhileke nayiphi yesithixo ezimele ebomini bakho. Zibuze, “yiyiphi indawo edlalwa ngamandla,yimvume; lukhuseleko nentuthuzelo ebomini bakho? Ikhona into endiyixabise ngaphezu ko Yesu nentando Yakhe?” Vumela uMoya Oyingcwele ukubonise umcele ubenosizi

lobuthixo olukukhokelela keinguquko kwezi zinto,ukuze utshintsheke uphinde uhlaziyekengokomfuziselo wakhe. Guquka ngezinto uMoya Oyingcwele akubonise zona. Thandazela imvuselelo yesiqu sakho. Thandazela ukuba uYesu akuvuselele akuhlaziye aphinde avuse u “Thando lakho lokuQala” njengokuba lukhankanyiwe *KwiZityhilelo 2:4.*

Umzimba ka Krestu: Phinda ufunde ezi zibhalo zingasentla uze uzibandakanye neBandla lika Krestu. Thandazela ukuba kubeko imvuselelo yeLizwi likaThixo, ephilayo nenamandla phakathi kwethu

Ilizwe:

Funda izibhalo kwakhona uphinde uthathe ixesha lokuma ethubeni ngenxa yesizwe sethu. Cela uMoya Oyingcwele ukubonise okokuba ziziphi imeko zezithixo ezimkhubekisayo kumgangatho welizwe.Ngeli xesha athetha entliziyweni yakho, zisa ingxelo engqalileyo yezono nenguquko echongekileyo. Thdazela ukuba sibe nokufunda sisisizwe ukuba unqulo luzisa usizi oluphinda-phindeneyo. *(Indumiso 16:4*

Thandazela impiliso yesizwe sethu

- Ithemba: Indumiso 33:2 Bulelani kuYehova ngohadi, Mbetheleni umrhubhe ontambo zilishumi.

- Impiliso: KuMteyu 8: 5-7 Ke kaloku, akubon' ukuba uYesu ungene eKapernahum, kweza kuye umthetheli-khulu embongoza, 6esithi, Nkosi, isicaka sam silele ngendlu, sinedumbe, sithuthunjelwa ngokoyikekayo. 7Athi uYesu kuye, Ndoza ndisiphilise mna

- Ukubuyekezwa: Deteronomi 30:6-10 Wóyalùsa intliziyo yakho uYehova uThixo wakho, nentliziyo yembewu yakho, ukuba umthande uYehova uThixo wakho ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho wonke, ukuze uphile.

- Wózibeka uYehova uThixo wakho zonke ezi zishwabulo phezu kweentshaba zakho, naphezu kwabakuthiyileyo, abakutshutshisileyo; 8ubuye ke wena, uliphulaphule izwi likaYehova, uyenze yonke imithetho yakhe endikuwiselayo namhla. 9UYehova uThixo wakho uya kwandisa kumsebenzi wonke wesandla sakho, kwisiqhamo sesizalo sakho, nakwisiqhamo senkomo yakho, nakwisiqhamo somhlaba wakho, kulunge; ngokuba uYehova uya kubuya abe nemihlali ngawe, kulunge, njengoko waba nemihlali ngooyihlo: 10xa uthe waliphulaphula izwi likaYehova uThixo wakho, ukuba uyigcine imithetho yakhe nemimiselo yakhe, ebhaliweyo encwadini yalo myalelo; xa uthe wabuyela kuYehova uThixo wakho ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho wonke.

USUKU 7. 25 EYOMSINTSI 2020

Inguquko ngokugathandi nokungalungiseleli kwabanye; ngokuzicingela thina nokumnandelwa.

U Yohane wokuqala 3:14-20. *14 Thina siyazi ukuba sidlule ekufeni, sangena ebomini, ngokuba sibathanda abazalwana. Lowo ungamthandiyo umzalwana uhleli ekufeni. 15 Lowo umthiyileyo umzalwana wakhe usisibulala-mntu; niyazi ukuba akukho sibulala-mntu sinobomi bungunaphakade buhleliyo kuso. 16 Ngale nto silwazile uthando, kuba yena wasincamela ubomi bakhe; nathi ke sifanele ukubancamela abazalwana ubomi bethu. 17 Osukuba ke enayo impilo yeli hlabathi, aze ambone umzalwana wakhe eswele azivalele iimfesane zakhe kuye, luthini na ukuhlala uthando lukaThixo ngaphakathi kwakhe? 18 Bantwanana bam, masingathandi ngazwi nangamlomo; masithande ngezenzo nangenyaniso. 19 Siyazi ngale nto ke ukuba singabenyaniso; siya kuzileleza iintliziyo zethu phambi kwakhe. 20 Ngokuba ukuba intliziyo yethu iyasigweba, uThixo mkhulu kunentliziyo yethu, ezazi izinto zonke.*

UThando ngumgangatho wobukumkani yana uYesu yipateni yothando. Wabuncamela thina ubomi bakhe. Simthobela uThixo ngokugqibeleleyo nangokupheleleyo xa siphilela ukuzincamela ukuzisa abanye ku Krestu sinolungiselelo kubo nokuzithoba nangendlela ebonakalayo enika ubomi. Xa siyenzela abo bambalwa basingqongileyo, siyenzela uThixo. Lixesha lokuzishiya iindlela zethu zokuzicingela sodwa sityale ngothando kubantu abasingqongileyo.

Guquka… Buyela... Vuselelo…
Sithandaza egameni lika Yesu Krestu umsindisi wethu nangoncedo nokugwetywa nguMoya Oyingcwele
Isiqu: Thatha ixesha ufunda izibhalo, ucele u Moya Oyingcwele ukugwebe akubonise intliziiyo yakho. Thembeka ngokwenene ngesiqu sakho.

Izibhalo:

Funda ezi zibhalo zilandelayo umeme uMoya Oyingcwele ukutyhilele intando ka Thixo ngawe. Wavumelela mazwi athethe entliziyweni yakho ukulungele ukuphendula emthandazweni! Musa ukungxama.

U Yohane wokuqala 3:14-20; *UMateyu 25:34-40;uLuka 6:27-35; Yohane 13:34-35; 1 Petros 1:22; 1 kwabaseKorinte:13:1-7; KwabaseFiliphi 2:3-7.*

Isiqu:

Ingaba uyazibandakanya ngokupheleleyo ekuncedeni abantu ebumelwaneni okanye ekuhlaleni? Wagqibela nini ukutyala imali, ixesha namandla ukunceda ukufikelela ngevangeli kubantu abangasindiswanga okanye ukunceda abaneemfuno? Cela uThixo akuxolele ngee nkalo zonke ebomini bakho apho uphila ngokuzicingela wedwa. Mcele atshintshe iindlela zakho agcwalise intliziyo yakho ngothando, ngokukhathala nokulunga kwabanye. Thatha

isigqibo utyale ngenjongo ebomini babanye abantu. Cwangcwisa ukutyala imali, ixesha nenxaxheba komnye umntu nje ngendlela yokuthanda ngothando luka Krestu.

Umzimba ka Krestu: Ingaba iBandla lityeshele okanye lisilele ekuthatheni inxaxheba ekuphakamiseni ekuhlaleni nakwabo banee mfuno? Ingaba sizakhele obethu ubukumkani sakhetha ukuhlala kamnandi? Ingaba singabahambi Cawa nje, ngaphandle kothando lwabangasindiswanga, abasweleyo, abaphambukeli nabanee mfuno? Cela uxolo kuThixo ngokungayimeli intliziyo yakhe elizweni elineemfuno nasekusileleni ukokheni ubuKumkani bakhe ngokuzincama nangothando.

Ilizwe: Siphila kwilizwe apho abantu bafuna ngokubanga ngolunya into abayifunayo baphinde babenomoya wamalungelo nokucingela iziqu zabo. Sisola abanye sibe kwa thina singakulangazeleli ukuba yinguqu efunekayo, sithathe uxanduva ukukhonza abantu belizwe lethu. Cela uThixo asincede singu Mzantsi Afrika ngokuvala iintliziyo nezandla kwabo sihlangana nabo. Thandaza ku Thixo atshintshe iintliziyo zabantu bethu bakulungele ukutyala into abanayo konee mfuno nomcela mngeni. Thandazela ukuhamba kothando luka Thixo luwuzalise lo mhlaba

Thandazela ukuphiliswa kwelizwe lethu

- Ithemba : siyathingaza, singancami; 9 Sitshutshiswa, asiyekelwa; sikhahlelwa phantsi, asitshatyalaliswa; KwabaseKorinte 4:8-9 8 Siyabandezelwa ngeenxa zonke, singaxineki

- Impiliso: Isaiah 38:20 “ Isaya 38: 20 UYehova uza kundisindisa; Ngoko ke sozibetha iihadi zethu Yonke imihla yobomi bethu, endlwini kaYehova

- Imbuyekezo: Hoseya 6:2-3 2 Wosidlisa ubomi, kwakuba ntsuku mbini; wosiphakamisa ngolwesithathu, sidle ubomi phambi kwakhe. 3 Masikwazi ke, masikusukele ukumazi uYehova; ukuphuma kwakhe kuqinisekile njengokuphuma kwesifingo, ukuba eze kuthi njengemvula, njengemvula evuthisayo, elinyakamisayo ilizwe.

USUKU 8. 26 EYOMSINTSI 2020

Ingugquko yelizwe lokufa, ukuhleba, ukugxeka, Izinqalekiso, ukucalulana. Ingugquko Kumsindo, ukuhlukumezo, kuphalaza igazi.

Izenzo 17:26 Kanjalo wazenza ngagazi-nye zonke iintlanga zabantu, ukuba zime phezu kwawo wonke umhlaba, emisa amaxesha abekwe ngenxa engaphambili, nemida yokuma kwazo; 27ukuze bayifune iNkosi, ukuba kambe bangáphuthaphutha bayifumane, nakuba ingekude kuthi sonke ngabanye.

Ingcambu zobuhlanga luloyiko kunye nekratshi. Oku sisimo sengqondo esuka nakweyiphina inkolo

ecinga ukuba ingcono ngenxa yombale nangentetho okanye soyike nabo bahlukileyo kunathi.

Ubuhlanga buyakhetha, ucalucalulo okanye ukuchasana bukhokhelela ukuthi uchase umntu okanye abantu, ngokwamaqela obuhlanga. uThixo udale izizwe kunye nentlanga zonke, bonke abantu ubadale ngokomfanekiso nomfuziselo negazi lakhe. Ubuhlanga buyasimfamekisa singaboni umfanekiso kaThixo kuthi, lonto yenze ukuthi singakwazi ukuxabisa, okwahlukileyo, nokuhlangulwa kwethu, uThixo athe wasibabala ngako singabantu bake.

Guquka…. Buyela … Vuselelo …
Siyathandaza ngegama likaYesu Kristu uMsindisi wethu, nangoncendo luka moya oyingwele umncedi wethu.

Funda ezi zibhalo zilandalayo umeme umoya oyingcwele akutyhilele intando kaThixo kuwe. Vumela izwi likaThixo lithethe entliziweni ulidele phendula emthandazweni.

Izenzo 17:26-27; Imizeke 18:21, kumaGalati 5:15, KwabaseEfese 4:26, eyokunqa ku Petros 3:9; He 7:22-23.

Inguquko buqu: ncela uThixo akubonise zonke ingcambu zobuhlanga enokuba unazo entliziyweni yakho ebzibangela ubone uve abanye abantu abangabelinye uhlanga ngokwe bala. Thatha ixesha ukhangela kwizibhalo ezingcwele uvumele umoya oyingcwele akugocagoce intliziyo yakho. Wawukhe wasebenzisa izwi lakho ngokuthi utshabalalise abanye abantu bolunye uhlanga? Zibuze lombuzo: Zithobe phambi kuka Thixo unguquke ubuyele kuye nakwendlela zakhe.

Umzimba kaKristu: thandazela umzimba kaKristu. Cela uThixo akukhokhelele kuhlobo aziva ngalo ngobuhlanga kubantu bakhe. Zisa phambi kukaThixo inguquko ngenxa yomzimba kaKristu amazwi okuhlebana, nokunyelisana.

Iguquko yesizwe: thatha ixesha unjonge uhlobo buhlanga buzise ukuphazamiseka emhlabeni wethu yasilibazisa ekunkqubeleni phambili kubizo lwethu sikhokhele iAfrika kubulungisa, imbeko, inyaniso. Bulela uThixo ngonika iSouth Africa ubizo lokuba ngumnyama wezizwe. Thatha ixesha ubulele uThixo ngobuhle obahlukileyo kum hlaba wethu nakwilizwe lethu nentlange neliwimi zabantu. Bulela uThixo ngezizwe nangabantu abohlukileyo kwilizwe jikelele. Thandazela uxolelwaniso kubantu boke ihlabathi liphela.

Thandazela impiliso kwilizwe lethu

- Kumahebhere 6-18ukuze kuthi, ngezinto ezimbini ezingenakuguquleka, angenako ukuxoka ngazo uThixo, sithi thina, bàsindileyo, sàbamba ithemba elibekwe phambi kwethu, síbe novuselelo olunamandla; 19 ithemba ke esinalo ngokwaeankile• yomphefumlo, linqabile, likwaqinile, lingena liye ngaphaya kwesikhuselo;
- 2 Zikronike 7- 14bathoba ke abantu bam, ábabizwa ngegama lam, bathandaza, bafuna ubuso bam, babuya ezindleleni zabo ezimbi: ndiya kuva mna emazulwini, ndibaxolele izono zabo, ndiliphilse ilizwe labo.
- Zekariya 14-11 Bohlala kulo, kungabi sabakho kusingela phantsi; ihlale iYerusalem ikholosile.

USUKU 9. 27 EYOMSINTSI 2020.

Inguquko ekuxokeni, ebuseleni, emaqhingeni nasekubeni ungabinabulungisa

Levitikus 19:11 *'Ize ningebi; ize ningakhanyeli into niyazi; ize ningaxokisani.'*

Ukuxoka, ubusela namaqhinga ziimpawu zika Sathana. U Thixo uzichasile zonke ezi zinto, yabe uzithathela ingqalelo, nokungenzi bulungisa ngakumahlwempu,ababuthathaka nabasweleyo.

Guquka…Buyela…Vuselelo …

Sithandaza egameni lika Yesu Krestu, umsindisi wethu, nangoncedo nange **ntshisakalo** yo Moya Oyingcwele, umncedi wethu.

Isifundo:

Funda ezi zifundo zilandelayo uze umeme u Moya Oyingcwele ukutyhilele intando ka Thixo. Wavumele la mazwi athethe e ntliziyweni yakho, ukulungele ukusabela kuwo ngomthandazo! Ungangxami.

Levitikus 19:11; Yohane 10:10; Yohane 8:44; Levitikus 19:11&13; Malaki 3:8-9; Imizekeliso 10:2; Imizekeliso 11:1; Imizekeliso 12:22; Zekariya 5:3-4; KwabaseRoma 13:7; Isaya 10:1-3; Iindumiso 101:7; Isityhilelo 21:8

Inguquko ngesiqu sakho:

Uyabuthetha ubuxoki? Ubuxoki udlala? Ihafu yobuxoki? Ubuxoki obuncinane? Ubuxoki obukhulu? Bubuxoki bonke ku Thixo. Ubuxoki bubuxoki.
Ubuxoki ebantwini, ubuxoki kubahlobo, ubuxoki kwabekhaya,ubuxoki emsebenzini. Thatha i xesha uhlola intliziyo yakho nezenzo ubone ukuba kukho apho uthobe khona i emera ebomini bakho ngokuxoka.

Useba, noba kukancinane? Uyazithatha izixhobo emsebenzini ukuze uyozisebenzisela iimfuno zakho ngaphandle kwe mvume? Uyamtsotsa u Thixo ngeminikelo yakho, ngezishumi okanye ngeminikelo? Uyabandakanyeka ngokungabinabulungisa kummelwane wakho? Ubiza imali enkulu kubarenti abasokolayo? Uyazibhatala ii rhafu zakho? **Idla ngokuba zezi zinto zincinane zingaqondakaliyo ebomini bethu ezibalulekileyo** ku Thixo ngokuba uyikhathalele intembeko **nokungaguqu-guquki**. Zisa yonke inguquo yakho efunekayo phambi kuka Thixo.

Umzimba ka Krestu:

Funda esi sibhalo singasentla kwakhona uze uzayamanise no mzimba ka Krestu.
Ndumiso 101:7 uthi **onamaqhinga akanakuhlala e ndlwini yakhe, namaxoki akasayi kuma ebukhoneni bakhe. Thandaza ukuba u Thixo asixolele sili Bandla ngokuxoka nangobusela, ngamaqhinga, nangokubandakanyeka ekubeni singabinabulungisa. Thandazela uba umoya wesazela uhle phezu kwethu, ukuze siguquke kwezi zinto ziza ne siqalekiso. Thandazela ukuba senze ngokunyaniseka size ke ngoko sibesisonwabiso kuye ngokwe Mizekeliso 12:19.**

Inguquko ye Sizwe:

UThixo akasebenzi nje ngathi singabanye kuphela,kodwa sikwa zizizwe. Uyasebenza ngathi singabanye nangokudibana. Thabatha ixesha ume phambi ko Thixo ethubeni ngenxa yesizwe. Vuma izono phambi kwakhe ukuba ubuxoki, ubusela, amaqhinga ukungabinabulungisa buwuzalisile umhlaba wethu,umphakathi wonke nee **ndawo zolawulo.** Ngxengxezela inceba phambi kwakhe ngenxa yezi zinto siqhubeka ngazo sissisizwe. Thandaza ubhekiselele ku Isaya 10:1-3 uthandaze ngokuchasene nokukhankanyiweyo: thandaza ngemithetho elungileyo nangemigaqo **elungileyo.** Thandazela ukuba abahluphekileyo babenokufumana impatho elungileyo nokuba ukurhwebesha okanye ingcinezelo yabangathathi ntweni kweli lizwe, nabani na kakade ayeke. Thandazela imvuselelo yobulungisa kwilizwe lethu eyakusasaza inyaniso, intembeko,ukugqibelela nobulungisa kumhlaba wonke.

Thandazela ukuphila kwelizwe lethu

- **Ithemba: 2 KuTimoti 1:7** '*Kuba uThixo akasinikanga moya wabugwala; wasinika owamandla, nowothando, nowesidima*.'

- **Impiliso: Indumiso 41:4** *'Ndithi mna, Yehova, tarhu; Philisa umphefumlo wam, ngokuba ndonile kuwe.'*

- **Ukubuyekezwa: Imizekeliso 6: 30-31** 'Alidelwa isela, xa lithe labela Ukwanelisa umphefumlo walo, xa lithe lalamba; Lifunyenwe, lihlawula kasixhenxe, Lirhola bonke ubuncwane bendlu yalo.'

USUKU 10. 28 EYOMSINTSI 2020

Inguquko ngokungatyali ebungcwaliseni, ukungaqwalaseli ekubalulekeni kobungcwele

UPetros 1: 13-18 *'13Ngoko, bhinqani izinqe zengqondo yenu, ninobungcathu, niluthembe ngokugqibeleleyo ubabalo oluziswa kuni ekutyhilekeni kukaYesu Kristu; 14 ngokwabantwana bolulamo, ningamilisi okweenkanuko zangaphambili ekungazini kwenu; 15 nithi ke, ngokokwalowo ungcwele wanibizayo, nibe ngcwele nani ngokwenu kuyo yonke ihambo. 16 Ngenxa enokuba kubhaliwe kwathiwa, Yibani ngcwele, ngokuba ndingcwele mna. 17 Kanjalo, ukuba nimnqula ngokoYihlo, lowo ugweba ngokowalowo umsebenzi, engakhethi buso, lihlaleni ixesha lokuphambukela kwenu apha nizoyikela; 18 nisazi nje ukuba anihlawulelwanga nikhululwe ngazinto zinakonakala, oozisilivere noozigolide, kuyo ihambo yenu engento, enayinikelwayo ngooyihlo. 19 Kwakungegazi elinqabileyo likaKristu, njengelemvana engenasiphako, engenabala.'*

UYesu zange afe emnqamlezweni ukuze sisindiswe kuphela siye ezulwini. Wayenza nendlela yokuba sibuyekezwe. Wasibizela ukuba sifane Naye; simele yena emhlabeni ngokuba ngcwele,nje ngokuba engcwele.Masibe kukukhanya kwe lizwe,I tyuwa yomhlaba, ubulungisa buka Thixo ku Krestu uYesu. Kuya kuba ngoko ke Amandla obu Kumkani aya kukhululwa ngokupheleleyo kwilizwe eliphaleleyo. Wasinika u Moya Oyingcwele nazo zonke izinto ezisingisele ebomini nasebu Thixweni. Lixesha lethu lokuzinikela kulungiselelo lokungcwaliswa, ukuvumela ulawulo lobukhosi bakhe kwinkalo nganye yobomi bethu.

Guquka…….Buyela…….Vuselelo ……..

Sithandaza egameni lika Yesu Krestu, umsindisi wethu, nangoncedo nentshisakalo ka Moya Oyingcwele, umncedi wethu.

Izibhalo:
Funda ezi zibhalo zilandelayo ucele u Moya Oyingcwele utyhile intando ka Thixo kuwe. Wavumele lamazwi athethe entliziyweni yakho, ukulungele ukuphendula kuwo emthandazweni! Musa ukungxama.

Petros wokuqala 1:13-18, Kuma Hebhere 12:10-14; Abase Thesalonika bokuqala 4: 7-8; Kwabase Roma 12:1-2; Kwabase Efese 4 :20-24; Kwabase Korinte besibini 7:1.

Isiqu: Chitha ixesha ufunda izibhalo, ucela uMoya Oyingcwele akugoca-goce, akubonise intliziyo yakho. Nyaniseka kangangoko kuwe.

Ingaba umnqula uThixo kuba ufuna akwenzele into? Uyakhula ebulungiseni usanda ekubeni ubenje ngaye u Yesu? **Ikhona injongo yokuthatha inxaxheba kwicala lakho yokuba ungcwaliseke ulandele ubungcwele?** Cela uThixo akuxolele ngokungakhokelisi esi senzo ebomini bakho. Guquka ngokunganqweneli kutshintsha, ucele uMoya Oyingcwele ukukhokelele kwinkqubo ka Thixo yokungcwaliseka kobomi bakho. Zibophelele ekwakheni

into eyakukunceda unzule ebungcweleni ebomini bakho, oko kukuthi; Ukufunda Izibhalo, uzinikele ekufundisweni izibhalo,uthathe inxaxheba, njalo-njalo.

Umzimba ka Krestu: Ingaba iBandla liqwalasele ekufundiseni inyaniso ngokungcwaliswa kwekholwa? Zinto zini iinkonzo zethu, ezona zizibethelela nje ngezinto ezibalulekileyo? Sinazo iinkokheli eziphila ubomi bobungcwele?

Cela uThixo axolele iBandla ngokuphakamisa ivangeli lobutyebi, lokonwaba nentetha ekhuthazayo lityeshela imigaqo ye Bhayibhile yokufa enyameni,sigcwaliswe ngu Moya Oyingcwele nokuba sibengcwele.

Thandaza ukuba iBandla libuyele e mandleni okuphila ebuKumkanini ngo Moya Oyingcwele.

UZwe lonke:

Zingaba zikhona iimpawu zemithetho yobulungisa nobungcwele ekhuthazwayo kwii ndawo esihlala kuzo nakwintlalo yo Mzantsi Afrika? Cela u Thixo axolele ilizwe lethu ngokuhambela kude nomgangatho ka Thixo wokuphila. Thandazela ukuhlanjululwa nokusebenza ngokumangalisayo kuka Moya Oyingcwele uzise ilizwe lethu kwi nguquko nasekungcwalisweni.

Thandazela ukuphiliswa kwelizwe lethu.

- Ithemba: UYoweli 3: 16 ‘UYehova ubharhula eZiyon, ukhupha ilizwi lakhe eYerusalem, linyikime izulu nehlabathi; ke uYehova ulihlathi kubantu bakhe, uligwiba koonyana bakaSirayeli.’

- Impiliso: Isaya 19:22 ‘UYehova uya kuwabetha ke amaYiputa, ebetha ephilisa; abuyele kuYehova, yena athandazeke ngawo, awaphilise.’

- Imbuyekezo: UHoseya 14:4-7 ‘[4] Ndiya kukuphilisa ukubuya kwabo umva, ndiya kubathanda ngesisa; ngokuba umsindo wam ubuyile kuye. [5] Ndiya kuba njengombethe kuSirayeli; uya kutyatyamba njengenyibiba, endelisele iingcambu zakhe njengeLebhanon. [6] Aya kunaba amasebe akhe, bube njengomnquma ubuhle bakhe, ivumba lakhe libe njengeLebhanon. [7] Baya kubuya abahlala emthunzini wakhe, baphile njengengqolowa, batyatyambe njengomdiliya, isikhumbuzo sawo sibe njengewayini yaseLebhanon.’